Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

OKTOBHA 2020

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

KUSETYENZISWE IIBHAYISIKILI UKULWA *ULWAPHULO-MTHETHO*

Phakathi ku-Agasti, ikhulu leebhayisikili ezimnyama nezityheli zanikezelwa kwiSAPS, yoMasipala wase-Overstrand kunye nonogada bobumelwane abane abaqinisekisiweyo njengenxalenye yenkqubo yothutho oluzinzileyo yephondo (PSTP).

I-PSTP iqhuywa liSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente ngentsebenziswano neSeba loKhuseo loLuntu kunye neBicycle Mobility Consortium equlunqwe ngePedal Power Association, Bicycle Empowerment Network kunye neQhubeka Charity.

Ukuncedwa kumlo wolwaphulo-mthetho nakwinzame zokuphucula ukhuselo loluntu, iibhayisikili ezisibhozo zinikwe i-OnVerWag neighbourhood watch e-Onrus/Vermont, isihlanu ngasinye sanikwa iPearly Beach kunye neFranskraal NHW ze ezilishumi zanikwa iZwelihle NHW.

Izikhululo zamapolisa esiseGansbaai, eStanford, eHermanus naseKleinmond zifumene iibhayisikili ezine isikhululo ngasinye ngeli thuba uNyanzeliso loMthetho loMasipala wase-Overstrand, amaSebe oLawulo lweZithuthi, loMlilo neleNdalo efumene iibhayisikili ezili-15 lilinye.

Umqhubi ngamnye webhayisikili wanikezelwa ihelmethi, isitshixo, impompo, isixhobo sokulungisa ithayara kunye nespanere kunye nesikhokhelo sokuseleko lwesiseko kunye nololongo ukunceda ukugcina iibhayisikili zabo zikhuselekile yaye zilungile.

Ezi bhayisikili zomeleleyo zenziwe ngentsimbi eomeleleyo yaye zinekhono lama-250 kg.

Ngethuba lonikezelo, uTim Mosdell, CEO yeBicycle Empowerment Network, uchaphazele into yokokuba iibhayisikili zinika wonke umntu indlela ethembekileyo nefikelelekayo yothutho enokuthi ibafikelelanise aphe badinga ukuya khona nokukhuthaza ngokunjalo indlela yokuphila elungileyo.

Col Muneeb Africa (Hermanus SAPS) ukhangeleka ekulungele ukuthatha enye yeebhayisikili "ukuyiqhuba".Ababukeleyo ngaba: Capt Blanche Davids (Stanford SAPS), Col Winston Coetzee (Gansbaai SAPS), uSodolophu wesiGqeba uDudley Coetzee kunye Tim Mosdell.

USodolophu wesiGqeba uDudley Coetzee uliqhwabele izandla eli phulo ukukhuthaza uthutho olungenazo iinjini waze wathi wanelisekile okokuba, kwixa elizayo, "inani labakhweli beebhayisikili abashukumayo, abaphaphe kakhulu baya kukwazi ukujongana nokhuselo loluntu kunye nempilo-ntle ngokubanzi".

IKHAYA ELINYE, ISITIYA ESINYE

Inkxaso kaMasipala ngoku ijoliswe ngokubhekiselele ekukhuthazweni kweendawana zokulinywa kwemifuno ekhaya

Kwisitiya semifuno yiNtloko yeQela labavoti yase-Overstrand uMasizole Mnqasela (ngasekhohlo), uSavarion Arendse wakwa-Old Mutual, uCeba Arnie Africa, uSodolophu uDudley Coetzee, umnini we-Ohana Environmental Consultants uMelun Jeptha, uMphathiswa wezoLimo uGq. Ivan Meyer, weCreation Wine uCarolyn Martin kunye no-Ann Wright.

Ukususela kubhengezo lokuvalwa ngci kwesizwe ngoMatshi, uMasipala wase-Overstrand, ngentsebenziswano kunye namaqabane amaninzi aphuma kwicandelo langasese, amaqumrhu angekho phantsi kolawulo lukarhulumente zasekwe kwinkolo, abe nakho ukunikezela ngaphezulu kwezidlo ezisigidi esinye kubantu abasesichengeni e-Overstrand. Oku kungaphezulu koncedo olunikezelwa ngendlela yeSchool Feeding Scheme kunye neprojekti yeehampa zokutya zeSebe loPhuhliso lweNtlalo yaye akubandakanyi iminikelo eyenziwe ngamavolontiya athe akhetha ukuqhuba "amakhitsi awo esuphu".

Ngendlela yokubonisa, ekukhumbuleni uSuku lukaMandela, iilitha ezingama-3 000 zesuphu zaveliswa ngosuku ngalunye phakathi komhla we-16 ukuya kumhla we-18 kuJulayi 2020. Ngale ndlela, malunga nabantu abalambileyo abangama-27 000 kwiingigqi zoluntu olunesidingo abasuka eRooi Els, eMooiuitsig naseKleinmond ukuya eHawston naseMount Pleasant, eZwelihle, eStanford, eGansbaai, eBuffeljagsbaai naseBaardskeerdersbos babe nakho ukonwabela ukutya okunesondlo. le nzame ingummangaliso yaba nokubakho ngenxa yoncedo lwabanikeli abaninzi, kubandakanywa iHemel-en-Aarde Brewery, uZelda la Grange, uDeon Bing, iSia Kolisi Foundation, uRiaan Manser kunye neCape Whale Coast Tourism.

Ukubheka phambili, isigqibo sifikelelwe sokokuba umasipala kufuneka aguqule inkxaso yakhe yemali yamakhitshi esuphu/okutya ibhekiselele ekukhuthazeni uluntu okokuba luseke izitiya zalo zemifuno.

"Nangona sinombulelo kubantu abanninzi, amashishini kunye nemibutho yoluntu ethe yasebenza kakhulu ukuqinisekisa ngento yokokuba akukho namnye umntu oya kulala elambile ngala mathuba anzima, ixesha lifikile lokukhangela ezinye iindlela zokuqinisekisa ngokhuseleko lokutya kwiintsapho", utshilo uSodolophu wesiGqeba uDudley Coetzee.

ISITIYA SOLUNTU LWASEHAWSTON *UMTHOMBO WOVUSELELEKO*

Kungedlulanga thuba lide emva kokubhengezwa kokuvalwa ngci, iHawston Garden Club igqibe ekubeni ixesha lifikile lokungenelela yenze into ngesimo esibi samakhaya amaninzi athi kwezi ntsuku atsale nzima ukubeka ukutya etafileni.

Ekuqaleni kuMeyi, nje ukuba izithintelo zeCovid-19 zivunyelwe, umcebisi wengingqi wendalo uMelun Jeptha kunye nabanye osoozitiya bazimisela ukuseka isitiya semifuno kunye nezimnandisi kwipropati yeSt Andrews Church eHawston ngasemva kwe-Overstrand Care Centre kunye ne-Ability House. Bencediswa liqaqobana lamavolontiya, uMelun kunye neqela lakhe baqalisile ngokucoca umhlaba yaye babanakho ukutyala kuqala izityalo ezingadingi mbewu xa uphinda uzityala nezimnandisi ngoJuni/Julayi ngenjongo zokutyebisa umhlaba nokufumana isichumisi ukulungiselela imifuno yexesha elithile engadingi manzi kakhulu ibe nokutyalwa.

Kule mihla, amalungu oluntu, okuphambili amabhinqa, afunda ukuzenzela isichumiso sawo ukulungiselela ukutyala nokukhulisa ukutya kwawo.

Kutshanje, iphulo loRhulumente weNtshona Koloni "i-One Home, One Garden" ifikelelel kwingqwalasela yoonogadi baseHawston, licele ooceba beWodi 8, uElnora Gillion kunye no-Arnie Africa, ithuba lokubonisa isitiya sabo xa athe kwixesha elizayo uGq Ivan Meyer, uMphathiswa wezoLimo weNtshona Koloni, watyelela i-Overstrand.

Ekuqaleni kuka-Agasti, umnqweno wonoogadi wazalisekiswa yaye uMelun ube nethuba lokuchazela abathunywa, abakhokhelwa nguGq Meyer, okokuba isahlulo semifuno eveliswa kwisitiya iya kubhekiswa ekwandiseni inkqubo yesondlo yendawo esebumelwaneni ekugcinwa abagulela ukufa. Uchaze ngokunjalo ngendlela yokusetyenziswa kwemveliso kwixa elizayo okokuba ingananiswa nalapho kuthe kwakho intsilela inakho ukuguqulwa igcwayelwe, ibe yijem, inkonkxwe eya kuthi ithengiswe kwiimarike zamafama kunye/okanye kwiindawo ezithengisa ukutya.

Aba noogadi boluntu bemke neminikelo emininzi yembewu kunye nezichumisi kunye nesithembiso sokokuba iSebe lezoLimo kunye nobuchule obukhoyo kwi-Elsenburg buyafumaneka ukulungiselela okokuba isitiya soluntu abathe basiseka ngegalelo labo liya komelela ngokomelela.

Nawuphi na umntu ongathanda ukuxhasa onoogadi baseHawston wamkelekile okokuba athumele i-imeyile kuMelun kule dilesi melon@franklinchana.org.za okanye ku-Ann Wright kule dilesi annwright@telkomsa.net.

ULUTSHA OLUNGENANGQESHO NGOKU LUBANDAKANYEKA NGAMANDLA KUMLO WECOVID-19

Nangona kubekho iinzame ezivela kwicala likarhulumente zokuhambisa umyalezo wokokuba ukuthintelwa kwempembelelo yeCovid-19 kuxhomekeke kuye wonke umntu olandela imithetho elula - okt. ukunxitywa kwemaski nokugcinwa kwesithuba esaneleyo phakathi komntu nomnye esibuncinane buyi-1.5 yeemitha xa uphakathi kwabantu - abanye abantu basala ngokunjalo ukusebenzisana nale mithetho.

Emva kokusetyenziswa kwazo zonke iindlela eziqhelekileyo, kubandakanywa namajelo eendaba, zokuhambisa umyalezo obalulekileyo kwingqwalasela yoluntu, ulawulo lwentlekele loMasipala wesiThili sase-Overberg luze nembono engaqhelekanga: Kutheni kunganikezelwa ithuba kulutsha olungenangqesho lokokuba lube ngabathunywa kumlo weCovid-19?

Phantsi kwemiqondiso yeSebe leSizwe le-Environment, Forestry and Fishing, abalungelelanisi bakamasipala beNkqubo yoLutsha yoFikelelo kuLuntu bachwechwelwa okokuba bancede bafune abathunywa bendalo abangamashumi asibhozo anesibhozo kuyo yonke ingingqi njengesongezelelo seprojekti yesebe enguThuma Mina Good Green Deeds.

Isibonelelo esikhoyo apha sesokuba abafuniweyo kufuneka babe bahlala kummandla abahlala kuwo apho baza kufezekisa imisebenzi yabo yobuthunywa njengoko bengazokuba ngabafiki kwingingqi yoluntu lwabo.

ICandelo loPhuhliso loQoqosho lweNgingqi yase-Overstrand linikele ngesidima ukuquqzelela uqeqesho nokubekwa "komkhosi wolutsha", yaye ngoku i-Overstrand inabathunywa bolutsha beCovid -19 abangamashumi amabini anesibini abanikwe isigunyaziso sokusebenzisa zonke iindlela ezifunekayo ukuphakamisa amanqanaba olwazi kwiingingqi zabo nokusasaza ulwazi olumalunga naloo miqathango yothintelo eyimfuneko ekinqandeni impembelelo yentsholongwane ikhorona.

INDAWO YOKULAHLWA KWENKUNKUMA E-BETTY'S BAY IZA KUVALWA

Ukususela ekupheleni kuka-Oktobha 2020, indawo yokulahlwa kwenkunkuma ekufutshane nethala leencwadi laseBetty's Bay ayisayi kusetyenziswa.

Njengoko kubonisiwe kumfanikiso ongasezantsi, "ukuthatyathwa komgqomo" nenkunkuma ephetshethwa ngumoya idala umonakalo ombi empilweni kuye nabani na otyelele ithala leencwadi yaye inokutsala ingxaki yezilwanyana eziphangayo.

Ekubhengezweni kokuvalwa kwendawo, uCraig Mitchell, uMlawuli woMasipala wase-Overstrand: woCwangciso lweNkunkuma eqinileyo, uthe imeko yaseBetty's Bay ayahlukanga kwezinye: "Kubalwa Rooi Els, Onrus kunye neSandbaai, le yindawo yesine encinane yokulahlwa kwenkunkuma esinyanzeleke okokuba siyivale ngezizathu ezinye kule minyaka isndula ukudlula."

Ukhumbuze abahlali baseBetty's Bay okokuba inkunkuma yasekhaya iqokelelwa ngoolweziBini (Jock's Bay & Sunny Seas) nangolweziThathu (Betty's Bay Main) yaye ucele bonke abahlali okokuba basebenzise imigqomo yenkunkuma ezivalela ngci izilwanyana yaye kufuneka bayikhuphe inkunkuma yabo ngeentsuku ezimiselwe uqokelelo.

Inkunkuma engaphezulu inokulahlwa eKleinmond Transfer Station, kubandakanywa nenkunkuma yasegadini kunye nenkunkuma enamatye yokwakha.

Amashishini eendawo zokutyela naworhwebo adinga uthutho rhoqo lwenkunkuma ngaphezulu kwesithuba esinye ngeveki okanye imigqomo eyangezelelweyo yenkunkuma makelekile okokuba enze amalungiselelo kunye nolawulo lwawo lwengingqi.

Ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu ngemirhumo yeenkonzo zenkunkuma ezangezelelweyo, tyelela iwebhusayiti esesikweni yoMasipala wase-Overstrand kule dilesi www.overstrand.gov.za, cofa kwiStrategic Documents ze uye kuHlahlo Lwabiwo-mali yihla uye kwiSihlomelo C (iiRafu neMirhumo).

DLALA NGENXA YOKUTHANDA UMDLALO - yaba ngumyalezo xa uMlawuli woMmandla waseGansbaai-Stanford uFrancois Myburgh, uSodolophu wesiGqeba uDudley Coetzee nabeRotari uMalcolm Bury, uLana Coates, uSandy Pillans kunye noDi Parker banikezela ngebala elitsha lebhola yomnyazi kwikapteni u-Anchelle Damon kunye neqela lakhe.

IQELA LOMNYAZI LASESTANFORD LIZIMISELE *UKUQAQAMBA* KWIBALA LOKUDLALA LASEKHAYA

Nangona kubekho ulibaziseko olukhulu, iStanford Netball Club yonwabe kakhulu ukwamkela eli bala apho iqela liya kuba nakho ukuzilungiselela amathuba amaninzi kangangoko lifuna ze libe nakho ukusingatha iitumente.

Eli bala litsha lebhola yomnyazi, elisecaleni kwebala lebhola ekhatywayo eBezuidenhout Street, labanakho ukufezekiswa ngenxa yothelelwano phakathi kweeRotary Clubs eyaseStanford naseKnoxville (ingakumbi uFrank Rothermel kunye noKathryn Johnson) ngoncedo lomnikelo wehlabathi ophuma kwiRotary Foundation.

Ngomhla we-13 ku-Agasti 2020, ilungu leRotari uLana Coates weStanford Rotary Club unikezele ngokusesikweni ibala lebhola yomnyazi elitsha kuMasipala wase-Overstrand.

USodolophu wesiGqeba uDudley Coetzee usebenzise eli thuba ukubulela iklabhu ngokuzinikela kwimpilo-ntle yabahlali baseStanford waze wanqwenelela ukapteni webhola yomnyazi, u-Anchelle Damon, kunye neqela lakhe impumelelo eyonwabisayi.

IZIKO LEZITHUTHI LASEHERMANUS LIZA KUQALISA NGOKUVAVANYA NGO-OKTOBHA

Ukususela ngomhla we-19 ku-Agasti 2020, amaxesha amiselweyo alungiselelwe ukvavanyo lwamaphepha-mvume okufunda ukuqhuba nawokuqhuba ngokusesikweni anakho ukumiselwa kwakhona njengoko uvavanyo olusesikweni luza kuqaliswa ngo-Oktobha. Qaphela, ngokunjalo, amaphepha-mvume okufunda ukuqhuba ebephelelwa phakathi komhla wama-27 kuMatshi nomhla wama-31 ku-Agasti 2020 aya kuhlala esebenza de kube ngumhla wama-31 kuJanyuwari 2021.

Ukwenza isicelo sephepha-mvume lokufunda ukuqhuba, kufuneka uze:

- Amafoto amabini encwadi yesazisi
- Incwadi yakho yesazisi/ikhadi
- I-R68 njengomrhumo wesicelo
- Ubungqina bedilesi yakho

Ukwenza isicelo uvavanyo lwephepha-mvume lokuqhuba, yiza noku:

- Amafoto amabini encwadi yesazisi
- Incwadi yakho yesazisi/ikhadi
- Iphepha-mvume lakho lokufunda ukuqhuba
- I-R135 njengomrhumo wesicelo olungiselelwe izithuthuthu kunye nezithuthi exincinane
- Ama-R200 njengomrhumo wesicelo olungiselelwe izithuthi ezikhulu
- Ubungqina bedilesi yakho

U-ESKOM ULUNGISA UKUCIMA KOMBANE OKUSOLOKO KUQHUBEKA EGANSBAAI-STANFORD

Phakathi ku-Agasti, uSodolophu wesiGqeba uDudley Coetzee, uCeba Riana de Coning kunye nenani lamagosa kamasipala uhlangene nabameli baka-Eskom ukulungiselela ukuxoxa ukucima rhoqo kombane ka-Eskom kunye nempembelelo yomphumela ngoko.

Ummandla waseGansbaai-Stanford ngakumbi usoloko ungenambane isithuba seentsuku ezininzi ngenxa yokutsha kweepali kunye nophondo lwentsimbi. umphumela othe ngqo ngowokuba abahlali ngokunjalo balahlekelwa lithuba lokunxibelelana ngemfono-mfono okanye ngeselula.

Lo mba waqala waqwalaselwa ngoDisemba 2019, ngelo xesha u-Eskom wangenisa ishedyuli yololongo ukusabela. NgoJulayi kulo nyaka, uluntu kwakhona lwaphakamisa inkxalabo yalo lucela okokuba kufuneka kufunyanwe isisombululo esisebenzayo nesamkeleke kuye wonke umntu ukulungisa le ngxaki njengomba ongxamileyo.

Ngesithuba sentlanganiso yeziphumo eyayibanjwe phakathii ku-Agasti, u-Eskom uqalise ngokuhlola zonke iipali zakhe zombane ukususela eBot River ukuya kutsho eGansbaai ngokunjalo nesixokelelwane esityhutyha siyokutsho eKleinmond. Njengenxalenye yenkquboyololongo olushedyuliweyo, uqalise ngokunjalo ngokufakela zonke iipali azirhanelayo nokwazisa umasipala ngokunjalo noluntu kwangaphambili ngophazamiseko lombane xa kufakelwa ngokutaha iipali.

Kwelakhe icala, umasipala ucele okokuba iipali ukhetha okokuba zikhutshwe kufakelwe ezintsha ezentsimbi yaye zonke iipali esele zikho ziqiniswe ngeentsontela zentsimbi ezine-ankile apho ezi zingekho.

U-Eskom uqikelela into yokokuba uvavanyo nokufakelwa kweentsimbi ezine-ankile kwiipali esele zikho kufuneka kuqukunjelwe ngoMatshi 2021. Nangona kunjalo, ukufakelwa kweepali ezintsha kunokuthatha ixesha elide kuxhomekeke kwinani leepali ekufuneka zifakelwe ngokutsha nakwinkxaso- mali efumanekayo.

Ukunikezelwa kwesangqa esinikezela ngombane kwaxoxwa nako, kodwa iindleko zesixokelelwano esinjalo, esiya kuba zindleko zikaMasipala wase-Overstrand, azibanga nakufikelelwa ngokwakaloku nje.